VMTETELI WA BANTU

(JOHANNESBURG)

JANUARY 5th, 1929.

# Zemk'Inkomo Zetafa--Vula Nd ngenei (1928) (1929)

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto)

Taru mhleli ngesituba sezimbongi
Ndiko noko ndisahleli andimbongi
Nditand'ukuhlala nje ipezulu mhleli
Ndilwa ke ngombane induku zihleli.

Wadlula umnyaka sewusishiyile
Nango namabala ati sewumkile
Nendandaluko zokubuka omtsha
Oza ngentwentsha

Umnyaka-omdala ngoku uyapela
Nzulu zo "Bubele" kuwe sibulela
Ezingozini osigcine sonke
Umnyaka wonke.

Ezobunzima obusemhlabeni
Imbandezelo ezisebantwini
Imfitimfiti ezipazamisa
Nokudumisa.

Wadlula umnyaka wemka unendaba
Ezentshutshiso zona zodwa indaba
Zabantu bonke kanye neze mikwa
Ziyo kubikwa.

Zemk' Inkomo zetafa! vula ndingene
Ndotwetwa ukuhamba nje nge nkonjane
Alibaleke onke namatyala
Onyak 'omadala.

Utsho ke lo "nyaka" ndim low'utetayo
Bikela mawenu uti ndim otshoyo
Ndotintela ngoku yonke nemfundiso
Eyinkohliso

Mnininto zonke namhla siyacela
Tina ma Afrika kuwe sikangela
Ungawutati kwa nomhlaba wetu
Ngokona kwetu.

Kwintshabalalo nokuswel'ukutya
Kwimbandezelo sibinqa imitya
Kwimpatwano kubi nezibulalano
Fika ngo mbono.

Zemk'inkomo zetafa! zemka nendaba
Ezentshutshiso zona zodwa indaba
Kumehlo mgwebi ekangele tina
Koba njaninna.

Yakudlulana yonke leminyaka
Woma ndaweninye nakuwo lo nyaka
Ke nobubunzima wena obutwele
Bukufanele.

Buya nonyaka nje wa ngwevu yakuti
Ukuze zinqandwe zonk'intsizi kuti
D'ula kokukoyo! linda okumyo
Kofikileyo.

Camagu!!